Tshintshela igranti yakho yakwaSASSA kwiAkhawunti yeMoney Market yakwaShoprite – simahla

Abantu abafumana igranti yakwaSASSA abanamakhadi agolide aphelelwayo kwezi nyanga zimbalwa zizayo, banakho ukuphepha ukuma kwimigca emide kwakunye neempazamo zentlawulo ezinokwenzeka, ngokutshintshela simahla iintlawulo zabo baye kwiAkhawunti yeMoney Market yakwaShoprite – iakhawunti yebhanki yorhwebo enelona xabiso liphantsi eMzantsi Afrika.

Ngamanyathelo amane alula abanini begranti banokuvula iakhawunti batshintshe iintlawulo zabo zeSASSA:

1. Bhalisa:
    - Cofa *120* 354# OKANYE
    - WhatsApp 087 2405 790
    - OKANYE uye kwikhawuntara yeMoney Market ekwivenkile
    - OKANYE ukhuphele iapp yakwaShoprite.
2. Joyina & ukhuphele iLeta yakho esisiQinisekiso seBhanki.
3. Khuphela ifomu yakwaSASSA apha okanye uye kuyithatha kwikhawuntara yeMoney Market nakweyiphi na ivenkile yakwaShoprite okanye yakwaCheckers.
4. Thatha iLeta yakho eprintiweyo esisiQinisekiso seBhanka, ifomu yokutshintsha ezalisiweyo yakwaSASSA kwakunye neSazisi sakho uzise kwiofisi yakwaSASSA ekufutshane nawe.

Abantu abafumana igranti baya kufumana iivawutsha zakwaShoprite eziya kutsho kwiR100 xa iigranti zabo zokuqala zikaSASSA ingamaR800 nangaphezulu, zihlawulwe kwiiAkhawunti zabo zeMoney Market.

Iinzuzo zeAkhawunti yeMoney Market ziquka:

- Akukho ntlawulo yenyanga. Abathengi bahlawula umrhumo weR5 kuphela, umrhumo wokutsalwa kwemali. Zonke ezinye iitransekhshini zisimahla kwaye akukho akhawunti yebhanki yoMzantsi Afrika eyogqitha le.
- Abathengi banolawulo olupheleleyo kwimali yabo ngokusebenzisa izaziso zentlawulo ngeSMS, banakho nokukhangela ngokukhawuleza ibhalansi kwiifowuni zabo.

- Phepha imigca emide kunye neentlawulo eziphezulu kwii-ATM ngokufaka nokukhupha imali nakweyiphi na ithili kwezingaphezulu kwama25 000 ezivenkileni zakwaShoprite, kwaCheckers naseUsave kuzwelonke.
- Abathengi abahlawuli ngokuthumela imali, ukuthenga i-ethayim, idatha, umbane, ukuthumela iivawutsha zegrosari, ukuhlawula amatyala kunye nokuhlawula igrosari kwiifowuni zabo.

ISIPHELO

Hlala uzazi iindaba ezintsha zakwaShoprite Group: Bhalisa ukuze ufumane zonke iindaba ezibhalwe kwiWebhusayithi yakwaShoprite Holdings okanye usilandele kuLinkedIn, Twitter, Instagram, kunye noYouTube.